## Okuqulathiweyo


**TERM 1**

Iindlela ezingalunganga.............................................1

Uzalwa kukaHazrat Muhammad ﷺ...............................2

Ubuntwana..............................................................3

Ekunye no-Aaminah..................................................4

Uhambo oluya eSyria ................................................5

Umtshato ................................................................6

**TERM 2**

Emqolombeni...........................................................7

Waraqa bin Naufal....................................................8

AmaMuslim okuqala ..................................................9

Ubizela abantu kwi-Islam ........................................10

Ukungomkelwa kwakhe ...........................................11

Izigrogriso..............................................................12

**TERM 3**

Inkohlakalo yamaQuraysh.......................................13

Inkohlakalo ngaku Hazrat Muhammad ﷺ .................14

Unyobo .................................................................15

Imfuduko eya e-Abyssinia .......................................16

Ukukwaywa kwama Banu Haashim ..........................17

Unyaka wosizi........................................................18

**TERM 4**

Uhambo oluya eTaif ...............................................19

Miraaj....................................................................20

Isifungo sase-Aqabah .............................................21

Icebo lokubulala uNabi ﷺ.......................................22

Ukhangelo .............................................................23

Ukuya eMadinah.....................................................24

Imihla ebalulekileyo kunye neziganeko .....................25

Intsingiselo............................................................26

# Isifundo Sokuqala TERM 1

| AMAGAMA ANGUNDOQO | | | |
|---|---|---|---|
| Uzalwa | Izilwanyana | Utywala | Ungcakaza |
| Ubulala Izithixo | Izithixo | Ungcwaba | Amantombazana |

**Iindlela ezingalunganga**

1. Phambi kokuzalwa kuka Hazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam, abantu (ama-Arab) ayephila njenge zilwanyana.
2. Babenqula izithixo ezenzwe ngamatye.
3. Esona senzo sabo sasesisona sibi yayikukungcwaba amantombazana abo ephila.
4. Abo banamandla babelawula ngekrele, abantu ababuthathaka neenkedama babengena mkhuseli.
5. Phantsi kwezo meko kwakungekho namnye umntu okhuselekileyo.

# Isifundo Sesbini

| AMAGAMA ANGUNDOQO | | | |
|---|---|---|---|
| Makkah | Rabiul Awwal | Banu Haashim | Abdullah |
| Aaminah | Muhammad ﷺ | Praiseworthy | Monday |

**Uzalwa kukaHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam**

1. UHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam wazalwa ngoMvulo umhla we 12 Rabiul Awwal ngonyaka 570.
2. Uhlanga lwamaQuraish lwalu neentsapho ezahlukeneyo. UHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam yena wayephuma kusapho lukaBanu Hashim.
3. Igama likatata wakhe yayingu Abdullah.
4. U-Abdullah wasweleka phambi kokuba azalwe uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam.
5. Igama likamama wakhe yayingu Aaminah.
6. INgelosi yafika kuye (u-Aaminah) ukuba amthiye igama lokuba ngu-Muhammad. Muhammad kuthetha “lowo ufanelwe ukudunyiswa”.

# Isifundo Sesithathu

| AMAGAMA ANGUNDOQO | | | |
|---|---|---|---|
| Emaphandleni | Uba sempilweni | Haleemah | Iminyaka emine |
| Ukusikeleleka | Ukuthobela | Ukulwa | Umzekelo |

**Ubuntwana**

1. Abantu baseMakkah babebathumela abantwana babo Abantu baseMakkah babebathumela abantwana babo emaphandleni khona ukuze bazokukhuliswa ngendlela esempilweni kwaye bomelele.
2. UHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam naye wathunyelwa emaphandleni. Inenekazi elalibizwa ngokuba nguHaleemah lilo elalimnakekele apho.
3. UHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam wahlala apho emaphandleni iminyaka emine. Ngethuba wayehlala noHaleemah (yena uHaleemah) kwakungekho nto basilela ngayo kwaye ngalo lonke ixesha indlu yakhe yayisikelelekile.
4. UHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam wakhula njengomntwana othobekileyo. Waye ngalwi nabantu kwaye engakhohlakalanga.
5. Kufuneka ngalo lonke ixesha silandle umzekelo kaHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam.

# Isifundo sesine

| AMAGAMA ANGUNDOQO | | | |
|---|---|---|---|
| Umama | Iminyaka emibini | Ubuyela | Aaminah |
| Usweleka | Iminyaka emithandathu | Abdul Muttalib | Iminyaka esibhozo |

**Ekunye no-Aaminah**

1. UHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam wahlala iminyaka emibini kuphela nomama wakhe.
2. Ngexesha ebuya eMadinah umama wakhe wathi wasweleka.
3. Ngelo xesha uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam waye neminyaka emithandathu.
4. UTatomkhulu wa khe u-Abdul Muttalib wamgcina phantsi kwe nkathalelo yakhe Emva kweminyaka emibini naye u-Abdul Muttalib wasweleka.
5. Xa wayeniminyaka esibhozo uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam waye wayokuhlala nomalume wakhe, u-Abu
6. Taalib.
7. U-Abu Taalib wayemthanda kakhulu umtshana wakhe.

# Isifundo Sesihlanu

| AMAGAMA ANGUNDOQO | | | |
|---|---|---|---|
| Iminyaka elishumi elinambini | Abu Taalib | Syria | Uhambo lorhwebo |
| Umbingeleli | Buhaira | UMprofethi wexesha elizayo | Nakekela |

**Uhambo oluya eSyria**

1. Ngethuba uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam waye neminyaka elishumi elinambini waya wahamba no-Abu Taalib ukuya eSyria kuhambo lorhwebo.
2. ESyria badibana nombingeleli (priest) womkrestu ogama lingu Buhaira.
3. Yena wambona uHazrat Muhammad Sallallahu alayhi wasallam njengoMthunywa ka-Allah Ta'ala wexesha elizayo.
4. Waxelela u-Abu Taalib ukuba amnakekele umtshana wakhe.

# Isifundo Sesithandathu

| AMAGAMA ANGUNDOQO | | | |
|---|---|---|---|
| Umntu omtsha | Ishishini lakhe | Umhlolokazi | Khadijah رضي الله عنها |
| Umphathi | Othembakeleyo | Iminyaka engamashumi amabini anesihlanu | Iminyaka engamashumi amane |

**Umtshato**

1. Njengomntu omtsha, naye uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam waziqalela ishishini lakhe.
2. Inenekazi elisistyebi elalibizwa ngokuba nguKhadijah radhiallahu anha lalifuna umntu onokuthi ajonge ushishino lwalo.
3. Lakhetha uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam ukuba abe ngumphathi weshishini lakhe.
4. Ngenxa yokuthembakala kunye nokunyaniseka kwakhe uKhadijah radhiallahu anha wafuna ukutshata naye.
5. Ngethuba babetshata uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam waye neminyaka engamashumi amabini anesihlanu kanti yena uKhadijah radhiallahu anha waye neminyaka engashumi amane.

# Isifundo Sesixhenxe TERM 2

| AMAGAMA ANGUNDOQO | | | |
|---|---|---|---|
| Umqolomba | Hira | Ramadhaan | Jibraeel عليه السلام |
| Ochongiweyo | UMthunywa | Iqra | Iminyaka engamashumi amane |

**Emqolombeni**

1. UHazrat Muhammad wayechitha ixesha elininzi rhoqo kumqolomba wase Hira, edumisa u-Allah.
2. Ngenye imini ngenyanga yeRamadhaan iNgelosi uGabriyeli Alayhi salaam wavela phambi kwakhe, wamxelela ukuba u-Allah Ta’ala umchonge ukuba abe nguMthunywa wakhe.
3. UGabriyeli alayhi salaam wacengceleza iivesi zika Surah Iqra. Woyika kakhulu uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam kuba engazanga wayibona ingelosi ngaphambili kunoku.
4. Esi siganeko senzeka ngethuba waye neminyaka engamashumi amane.

# Isifundo Sesibhozo

| AMAGAMA ANGUNDOQO | | | |
|---|---|---|---|
| Umfazi | Khadijah عليه السلام | Jibraeel عليه السلام | Ukwenzakalisa |
| Umzala | Iincwadi zamaKrestu namaJuda | Ukonwaba | UnguMthunywa wokwenene |

**Waraqa bin Naufal**

1. Emva kokuba uHazrat Muhammd sallallahu alayhi wasallam edibene noGabriyeli alayhi salaam wabuyela ekhayeni lakhe waxelela unkosikazi, uHazrat Kadijah radhiallahu anha malunga nokudibana kwakhe noHazrat Gabriyeli alayhi salaam.
2. UHazrat Khadijah radhiallahu anha wamenza azive ekhululekile kwaye wamxelela ukuba inene u-Allah Ta'ala akasayi kumenzakalisa.
3. UHazrat Khadijah radhiallahu anha wamsa uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam kumzala wakhe uWaraqa Bin Naufal, owaye sisifundiswa esiphambili kwiincwadi zama Krestu kunye nazamaJuda, uHazrat Khadijah radhiallahu anha wamchazela ngoko kwakubonwe nguHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam.
4. Wavuya kakhulu uWaraqa Bin Naufal, wathi inene le yingelosi enye nalena yathi yafika kuHazrat Moosa Alayhi salaam kwaye watsho (uWaraqa bin Naufal) ukuba inene uHazrat Muhammad
5. sallallahu alayhi wasallam unguMthunywa wokwenene ka-Allah Ta'ala.

# Isifundo Sesithoba

| AMAGAMA ANGUNDOQO | | | |
|---|---|---|---|
| Umntu wokuqala | Khadija رضي الله عنها | Abu Bakr رضي الله عنه | Indoda yokuqala |
| Ali رضي الله عنه | Inkwenkwe yokuqala | Zaid bin Haaritha رضي الله عنه | Isicaka sokuqala |

**AmaMuslim okuqala**

1. UHazrat Khadijah radhiallahu anha wayengumntu wokuqala ukomkela i-Islam.
2. UHazrat Abu Bakr radhiallahu anhu umhlobo omkhulu kaHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam, waba yindoda yokuqala ukomkela i-Islam.
3. UHazrat Ali radhiallahu anhu unyana ka-Abu Taalib nomzala ka Hazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam yena waba ngumntwana wokuqala ukomkela i-Islam.
4. UHazrat Zaid bin Haaritha radhiallahu anhu isicaka esafumana inkululeko kuHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam yena waba sisicaka (slave) sokuqala ukomkelai-Islam.
5. Ngokufihlakeleyo umyalezo we-Islam wathi saa eMakkah. Ngenxa yentshumayelo ka Hazrat Abu Bakr radhiallahu anhu aba bantu balandelayo nabo bomkela i-Islam: UHazrat Uthmaan radhiallahu anhu, uHazrat Talha radhiallahu anhu, uHazrat Zubair radhiallahu anhu kunye noHazrat Abdur Rahmaan bin Auf radhiallahu anhu.
6. Abanye abathi nabo bomkela i-Islam yayingu Hazrat Bilaal radhiallahu anhu, uHazrat Yaasir radhiallahu anhu, uHazrat Sumayya radhiallahu anha, uHazrat Ammaar radhiallahu anhu, uHazrat Abdullah bin Mas’ood radhiallahu anhu kunye noHazrat Arqam radhiallahu anhu.

# Isifundo Seshumi

| AMAGAMA ANGUNDOQO | | | |
|---|---|---|---|
| Iminyaka emithathu | Islam | Elubala | Intaba yeSafa |
| Usapho | Wabizela | Quraysh | Akavuma |

**Ubizela abantu kwi-Islam**

1. Emva kweminyaka emithathu, u-Allah Ta'ala wayalela uMthunywa wakhe sallallahu alayhi wasallam ukuba ashumayeze umyalezo we-Islam elubala.
2. Kuqala uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam wabizela kwi-Islam izizalwana zakhe.
3. Emva koko wakhwela kwintaba yase Safa wabizela kwi-Islam amaQuraysh. Eza ebaleka (amaQuraysh) ezokumamela oko wayewabizela kuko.
4. Wathi uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam wakuwaxelela nge-Islam, ahamba, akavuma ukomkela i-Islam.

# Isifundo Seshumi Elinanye

| AMAGAMA ANGUNDOQO | | | |
|---|---|---|---|
| Azange bayomkele | Islam | Akukho nto ingalunganga | Azange bayomkele |
| Benza intlekisa | Amagama amabi | Unqula izithixo | Benza intlekisa |

**Ukungomkelwa kwakhe**

1. Abantu abaninzi baseMakkah azange bayomkele i-Islam.
2. Babengayi boni njengento engalunganga ukunqula izithixo.
3. Benza intlekisa ngeemfundiso zikaHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam kwaye bambiza ngamagama amabi.
4. Eso senzo sawo azange siwachaphazele amaMuslim azange ayishiye i-Islam ngenxa yoko.

# Isifundo Seshumi Elinesibini

| AMAGAMA ANGUNDOQO | | | |
|---|---|---|---|
| Eshumayela | Umyalezo | Quraish | Ubuxoki |
| Izithixo | Intiyo | Khalaza | Abu Taalib |

**Izigrogriso**

1. UHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam waqhubekeka ebizela abantu kwi-Islam.
2. AmaQuraysh ayengakuthandi ukuva ngenyani ye-yobunye bukaAllah kunye namampunge ezithixo zabo.
3. Aqalisa ukumthiya uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam kunye neemfundiso zakhe.
4. Abo bangakholwayo bakhalaza ku-Abu Taalib malunga neemfundiso zomtshana wakhe, kodwa u-Abu Taalib azange ngokwentando yabo.
5. Koko wathembisa uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam ukuba uzakumkhusela.

# Isifundo Seshumi Elinesithathu TERM 3

| AMAGAMA ANGUNDOQO | | | |
|---|---|---|---|
| Quraysh | AmaMuslim | Utshintsha | Inkolo |
| Ukonzakalisa | Uxoka | Sumayyah رضي الله عنها | Wabulawa |

**Inkohlakalo yamaQuraysh**

1. AmaQuraysh athi akubona ukuba amaMuslim akafuni ukutshintsha inkolo yawo, aqalisa ukonzakalisa amaMuslim.
2. AmaMuslim okuqala ukutshutshiswa yaba ngamaMuslim angamahlwempu.
3. UHazrat Bilaal radhiallahu anhu owayesisicaka somnye abantu abangengawo amaMuslim, wayetshutshiswa ngokuthi alaliswe kwisanti eshushu yasentlango aqanyaqanywe ngumnikazi wakhe.
4. UHazrat Sumayya radhiallahu anha wabulawa ngekrele.
5. Amanye amaMuslim ayebethwa enyanzeliswa ukuba ayishiye iIslam, kodwa azange ayishiye.

# Isifundo Seshumi Elinesine

| AMAGAMA ANGUNDOQO | | | |
|---|---|---|---|
| Ukonzakalisa | AmaMuslim | Ubumdaka | Abu Lahab |
| Umalume | Ummelwane | Inkunkuma | Emnyango |

**Inkohlakalo ngaku Hazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam**

1. Abo bangakholwayo azange baphelele nje ekonzakaliseni amaMuslim, koko kunye naye uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam azange amyeke onwabe ngoxolo.
2. Xa ethandaza babemgalelela ngobumdaka.
3. U-Abu Lahab waye ngumalume kunye nommelwane ka Hazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam.
4. Yena (u-Abu Lahab) wayephosa inkunkuma emnyango wendlu ka-Hazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam, kanti unkosikazi wakhe (ka-Abu Lahab) wayephosa ameva endleleni kaRasoolullah sallallahu alayhi wasallam.
5. UHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam azange aziphindezele kwabo babenenkohlakalo ngakuye.

# Isifundo Seshumi Elinesihlanu

| AMAGAMA ANGUNDOQO | | | |
|---|---|---|---|
| Unyoba | Inkohlakalo | Ayisebenzi | Imali |
| Inenekazi elihle | Kumkani | Enokuyeka ushumayela | Izigrogriso |

**Unyobo**

1. Abo bangakholwayo bathi bakubona ukuba izigrogriso zabo kunye nenkohlakalo yabo ayisebenzi.
2. Bathabatha isigqibo sokuba bamnyobe uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam.
3. Bamthembisa ngokumnika imali, elona nenekazi lihle, kangangokuba babekulungele nokuba bamenze ikumkani yabo xa nje enokuyeka ukubizela abantu kwi-Islam.
4. UHazrat Muhammad azange azomkele izinyobo zabo kuba kaloku ukubizela kwakhe abantu kwi-Islam yayingumyalelo kaAllah Ta’ala.

# Isifundo Seshumi Elinesithandathu

| AMAGAMA ANGUNDOQO | | | |
|---|---|---|---|
| Imvume | Ikumkani elilungisa | Najashi | Hazrat Jafar ﷺ |
| Abantu abalishumi elinesihlanu uyokutsho kwishumi elinesithandathu | Imfuduko yokuqala | Umona | Ingxelo yobuxoki |

**Imfuduko eya e-Abyssinia**

(kunyaka wesihlanu emva kobu Nabuwwat)

1. Ngenxa yokuba amaMuslim athi azifumana etshutshumbiswa ezandleni zabo bakhohlakeleyo bangakholwayo, uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam wawanika imvume amaMuslim ukuba afudukele kwezinye indawo.
2. AmaMuslim akhetha ukuya e-Abyssinia (Ethiopia) kuba khona kwakukho ikumkani elilungisa nenobubele.
3. IKumkani yase-Abyssinia yayingumKrestu ibizwa ngokuba nguNegus (Najashi).
4. Bebonke abantu abaya e-Abyssinia babe lishumi elinesihlanu okanye lishumi elinesithandathu.
5. Leyo ibizwa ngokuba yimfuduko (Hijra) yokuqala kwi-Islam.
6. AmaQuraysh athi anomona, athumela igqiza labantu ukuba libuyisele emva lo maMuslim ayefudukele e-Abyssinia.
7. Elo gqiza lanikezela ngengxelo engachanekanga malunga nalo maMuslim.
8. IKumkani yawabiza lo maMsilim yawabuza.
9. Ekubeni ikumkani iyifumene inyani kuHazrat Jafar radhiallahu anhu, ikumkani yawagxotha amaQuraysh yawayeka amaMuslim ahlale.

# Isifundo Seshumi Elinesixhenxe

| AMAGAMA ANGUNDOQO | | | |
|---|---|---|---|
| Ukwaya | Ukohlwaya | Banu Haashim | Ukwaya |
| Iminyaka emithathu | Ungcungcutheka | Isixeko esincinane | Iminyaka emithathu |

**Ukukwaywa kwama Banu Haashim**

(unyaka wesixhenxe emva kwe Nabuwwat)

Ukwayo: kukuqhawula amaqhina ozakuzelwano kunye namaqhina orhwebo kunye nomntu

1. Abo bangakholwayo babanomsindo kuba bengakwazanga ukubuyisela ekhaya amaMuslim ukusuka e-Abyssinia.
2. Bathabatha isigqibo sokuba bohlwaye usapho luka Hazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam, iBanu Haashim.
3. Abo baakholwayo bawakwaya amaMuslim bawadudulela kwisixeko esincinane saseMakkah. AmaMuslim ahlala kwesisixekwana iminyaka emithathu.
4. Kwakungekho mntu uvumelekileyo ukuba awathengisele ukutya okanye awancede nokuba kungolulphi uhlobo.
5. Iminyaka emithathu amaMuslim ahlala engcungcutheka kulo ndawo.

# Isifundo Seshumi Elinesibhozo

| AMAGAMA ANGUNDOQO | | | |
|---|---|---|---|
| Intlambo | Abu Taalib | Usweleka | Intlambo |
| Ukwayo | Khadijah رضي الله عنها | Impilo | Ukwayo |

**Unyaka wosizi**

(unyaka weshumi emva kweNabuwwat)

1. Emva kweminyaka emithathu yobunzima, amaMuslim avunyelwa ukuba aphume apho ayevalelwe khona ngexesha lokukwaywa kwawo eyayibizwa ngokuba yintlambo ka –Abu Taalib.
2. Olo kwayo lwenkohlakalo lwaba nemiphumela emibi empilweni kaHazrat Khadijah radhiallahu anha kunye no-Abu Taalib. Bobabini basweleka emva kwexesha emva kwelo kwayo.
3. Ukusweleka kuka-Hazrat Khadijah radhiallahu anha kunye noAbu Taalib kwamenza akhathazeke kakhulu uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam Kuba ngoku wayephulukene nabona baxhasi  bakhe ababini abaphambili.
4. Kengoko lo nyaka wabizwa ngokuba ngunyaka wosizi.

# Isifundo Seshumi Elinesithoba TERM 4

| AMAGAMA ANGUNDOQO | | | |
|---|---|---|---|
| Taif | Iikhilomitha ezilikhulu | Zaid Bin Haarith رضي الله عنه | Ukwala |
| Umyalezo | Amatye | Wagityiselwa | Wagxothwa |

**Uhambo oluya eTaif**

1. Wathi uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam wakubona ukuba abantu baseMakkah abafuni ukomkela i-Islam, wathabatha isigqibo sokuba aye kwindawo ebizwa ngokuba yi Taif, malunga neekhilomitha ezilikhulu ukusuka eMakkah.
2. Wayephelekwe ngu-Zaid bin Haarith radhiallahu anhu.
3. Abantu baseTaif nabo azange bawomkele umyalezo kaHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam.
4. Wagityiselwa ngamatye kwaye wagxothwa ekhutshwa kulo dolophu.
5. Esopha ediniwe uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam wathabatha igwiba kumyezo ka-Utbah bin Rabiah.

# Isifundo Samashumi Amabini

| AMAGAMA ANGUNDOQO | | | |
|---|---|---|---|
| Miraaj | Uhambo | Makkah | Masjid-e-Aqsa |
| Buraaq | Amazulu asixhenxe | AbaProfethi Alayhimus Salaam | Imithandazo emihlanu |

**Miraaj**

(kunyaka weshumi emva kweNabuwwat)

1. Miraaj kuthetha uhambo luka Hazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam lokuya kwizulu lesixhenxe.
2. URasoolullah sallallahu alayhi wasallam kwahanjwa naye ukusuka eMakkah uyokutsho eMasjid-e-Aqsa eJerusalem ekhweliswe iBuraaq.
3. Ukusuka eJerusalem wahamba wayokutsho kwizulu lesixhenxe.
4. Apho (wadibana khona) nabo bonke abanye abaProfethi alayhimus salaam.
5. Kwakungeloxesha le Miraaj apho u-Allah Ta'ala wamnika khona imithandazo emihlanu njengesipho kumaMuslim, kwaye wayenza lomithandazo mihlanu yalunyazelo kuwo wonke amaMuslim.
6. Olu hambo lweMiraaj lwenzeka ngesiqingatha nje sobusuku.

# Isifundo Samashumi Amabini Ananye

| AMAGAMA ANGUNDOQO | | | |
|---|---|---|---|
| Aqaba | Iqela | Bomkela i-Islam | Unyaka olandelayo |
| Iqela elikhulu | Uncedo | Uhlala | Madinah |

**Isifungo sase-Aqabah**

1. Iqela labantu baseMadinah (eyayisakubizwa ngokuba yi-Yathrib ngeloxesha) baya badibana ngokusemfihlakalweni noHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam kwindawo ebizwa ngokuba yi-Aqabah. Bathi bomkela i-Islam.
2. Kunyaka olandelayo babuya neqela elikhulu nangakumbi lizokomkela i-Islam.
3. Bathembisa ngokuncedisa uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam kwaye bammemela eMadinah.
4. AmaMuslim aseMakkah anikwa imvume yokuba angemka eMakkah bayokuhlala eMadinah. Bemka eMakkah bengamaqela ohlukeneyo.

# Isifundo Samashumi Amabini Anesibini

| AMAGAMA ANGUNDOQO | | |
|---|---|---|
| Abanomsindo nangakumbi | Madinah | Ukuhlasela nokubulala |
| Umnyaka weshumi elinesithathu | Izinto ababezishiye kuye | Ali ؓ |

**Icebo lokubulala unabi sallallahu alayhi wasallam**
(kunyaka weshumi elinesithathu kweNabuwwat)

1. AmaQuraysh abanomsindo nangakumbi akubona ukuba amaMuslim asingisela eMadinah, kwanokuba abone i-Islam ikhula suku nasuku.
2. Kwanokuba ukuba abamnqandi uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam azakuphulukana namandla kwaye atshabalale.
3. AmaQuraysh athabatha isigqibo sokuba kukhethwe umntu omtsha kusapho ngalunye lulinde ngaphandle kwendlu kaHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam khona ukuze bamhlasele bambulale xa ephuma.
4. U-Allah Ta'ala wamxelela uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam ngeyelenqe labo, wamyalela ukuba ayishiye iMakkah.
5. Ngobusuku obuyintsunguzi, uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam wamka eMakkah ngaphandle kokuba aqatshelwe ngaloo madoda ayehleli ngaphandle endlwini yakhe.
6. Kwintsasa elandelayo, lo madoda (amaQuraysh) afumana u-Ali radhiallahu anhu emondlalweni kaHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam.
7. Ngethuba uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam wayehamba washiya u-Hazrat Ali radhiallahu anhu ukuba anakekele izinto abantu ababezishiye phantsi kwenkathalelo yakhe ukuba azigcine.

# Isifundo Samashumi Amabini Anesithathu

| AMAGAMA ANGUNDOQO | | | |
|---|---|---|---|
| Iintsuku ezintathu | Wayishiya iMakkah | Ukumkhangela | Isipho |
| Iinkamela ezilikhulu | Abambe | Thaur | Indlu yesigcawu |

**Ukhangelo**

1. Xa abo bangakholwayo baseMakkah bebona ukuba Hazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam uyishiyile iMakkah, baqalisa ukumkhangela.
2. Abo bangakholwayo babeka isipho seenkamela ezilikhulu kuye nawuphi na lomntu unokuthi abambe uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam.
3. UHazrat Abu Bakr radhiallahu anhu nguye owayepheleka uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam.
4. Bazimela kumqolomba weThaur okufutshane naseMakkah.
5. AmaQuraysh amkhangela ade azokufika emlonyeni womqolomba. Kodwa athi akubona indlu yesigcawu emlonyeni womqolomba ajika ahamba.
6. UHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam kunye noHazrat Abu Bakr radhiallahu anhu babephathelwa ukutya ngobusuku ngokusemfihlakalweni.
7. Bachitha iintsuku ezintathu kulo mqolomba.

# Isifundo Samashumi Amabini Anesine

| AMAGAMA ANGUNDOQO | | | |
|---|---|---|---|
| Indlela yomhlaba | Suraaqah Bin Maalik | Ubabamba | Umhla weshumi elinambini le-Rabiul Awwal |
| Makkah | Madinah | Isiganeko sokumka eMakkah | Isiganeko |

**Ukuya eMadinah**

1. Kwathi kwakuthotha ukukhangelwa kwabo, uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam no Hazrat Abu Bakr baqhubekeka ukuya eMadinah behamba ngendlela yomhlaba.
2. Besendleleni njalo uSuraaqh bin Maalik wazama ukubamba uHazrat Muhammad sallallahu alayhi wsallam kunye noHazrat Abu Bakr radhiallahu anhu kodwa waphanza ukubabamba.
3. UHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam wafika eMadinah ngomhla we 12th Rabiul Awwal.
4. UHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam womkelwa ngezandla ezishushu ngabantu baseMadinah.
5. Esi siganeko sokumka eMakkah sokuya eMadinah, sibizwa ngokuba yiHijrah.

| Imihla ebalulekileyo kunye neziganeko | |
|---|---|
| **UMHLA** | **ISIGANEKO** |
| Monday 12th Rabi-ul Awwal, 570 | Umhla wokuzalwa kuka Hazrat Muhammad ﷺ |
| 1st Year to 4th Year | Wahlala noHaleemah رضي الله عنها |
| Xa eneminyaka ethandathu | U-Aaminah wasweleka |
| Xa eneminyaka elishumi elinambini | Waya kuhambo lorhwebo kunye no-Abu Taalib |
| Xa eneminyaka engamashumi amabini anesihlanu | Watshata uHazrat Khadijah رضي الله عنها |
| Xa eneminyaka engamashumi amane. Ngenyanga yeRamadhaan | Waba nguMprofethi ka-AllahTa'ala |
| Kunyaka wamashumi amane anesithathu | Wabizela abantu kwimiyalelo ka-Allah Ta'ala elubala |
| Kumnyaka wesihlanu emva kokuba nguMprofethi | Imfuduko yokuqala yamaMuslim yokuya e-Abyssinia |
| Kumnyaka wesixhenxe emva kokuba nguMprofethi | Ukwaywa kwamaBanu Haashim ngabo bangakholwayo |
| Kumnyaka weshumi emva kokuba nguMprofethi | Usweleka kukaHazrat Khadijah رضي الله عنها kunye no Abu Taalib |
| Kumnyaka weshumi elinanye emva kokuba nguMprofethi | Unyuko (Mi'raaj) lokuya kwizulu lesixhenxe |
| Kumnyaka weshumi elinesthathu | 1. Baceba ukubulala uHazrat Muhammad ﷺ<br>2. Wayalelwa ngu-Allah Ta'ala ukuba afuduke |
| 12th Rabiul Awwal, kumnyaka weshumi elinesithathu emva kokuba nguMprofethi | Ngumhla awathi uHazrat Muhammad ﷺ womkelwa ngawo ngabantu baseMadinah |

| INTSINGISELO | |
|---|---|
| Makkah | Idolophu ese –Arabia |
| Rabi-ul Awwal | Inyanga yesithathu kwikhalenda ye-Islam |
| Madinah | Idolophu ese –Arabia |
| Ramadhaan | Inyanga yesithoba kwikhalenda ye-Islam |
| Hazrat Gabriyeli alayhis-Slaam | Nguye owayezisa iziprofetho zika-Allah Ta'ala kubaProfethi Alayhimus -salaam |
| Surah Alaq | Sisahluko samashumi asithoba anesithandathu kwi Quran engcwele |
| Radhiallahu anhu | Inga u-Allah angavuya ngaye (xa ingumntu oyindoda lo sithetha ngaye) |
| Radhiallahu anha | Inga u-Allah angavuya nguye (xa ingumntu obhinqilyo lo sithetha ngaye) |
| Alayhis Salaam | Inga uxolo luka-Allah lungakuye |
| Intaba yase Safa | Incochoyi yentaba yaseMakkah |
| Islam | Inkolo yabo bangamaMuslim |
| AmaMuslim | Ngabo bakholwa ku-Allah omnye kwaye bekholelwa kuHazrat Muhammad sallallahu alayhi wasallam |
| Salaah | Intsika yesibini ye-Islam. Kufuneka uthandaze kahlanu ngemini |

| INTSINGISELO | |
|---|---|
| Hijrah | Ukushiya ikhaya lakho ngenxa ye-Islam |
| Taif | Idolophu ese-Arabia |
| Miraaj | Uhambo oluya kwizulu lesixhenxe |
| Fardh | Into eyenziwe yalunyanzelo ngu-Allah Ta'ala |
| Sunnah | Izenzo, iintetho okanye iziqhelo zika-Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam |
| Nafl | Isenzo esingelonyanzelo |
| Yathrib | Igama lokuqala lwaseMadinah |
| Amaanah | Into enikezelwe emntwini ukuba ayigcine ngokukhuselekileyo |
| Buraaq | Uhlobo lothutho olwathi lwasetyenziswa ngomhla weMiraaj |

